

Kwindawo evame ngamahlathi hekuphila uYebo umntwani oyedwa nabazali bakhe.

Phakathi nalapho hekukhona uZim-Zim.

UZim-zim wayedume ngokudla abantwana.



USikwebu hengumntu owayezingela. Ubethi mesekude kufitshi amemeze umntakhe, “Yebo! Yebo! Mntanami ndihlangabeze.”

UYebo atsho kumamakhe, “Mama, utata usele endibizile, mandiphuthume ndimhlangabeze.”

UZim-zim uye waqaphela ngokutshetsha nje ukuthi mangabe uSikwebu ebuya, uye amemeze umntakhe.



Ngobo busuku, uZim-zim wazama ukuzenza uSikwebu wamemeza, “Yebo! Yebo! Mntanami ndihlangabeze.”

Wazimamela weva ukuthi eli akusilona izwi likaSikwebu.

“Ndizolitshintsha kanjani ilizwi lam?” wacinga.



UZim-Zim uye wavakatshela enye indoda eligqirha waze waxoxa nayo.

“Mnumzana, lingathini icebo lokuthi ndikwazi ukuba nezwi elifana nelabantu?”

“Kumele utshise igawula lize libe bomvu uze uliginye,” yamcebisa.



Wenza njalo uZim-zim, nefika endaweni ahlala kuyo ukutshisa igawula waliginya wabuye waphinda wamemeza.

“Yebo! Yebo! Mntanami. Ndihlangabeze.”

Ncaa akusozwi likaSikwebu elo awayeliva. Waqapheleka ukuthi izwi heliselikhulu.



UZim-zim wabuya waphindela kweya ndoda hezeye kuyo edidekile futhi wafika nje wathi, “Hendoda, hendodandini, kanti umntu kumele aze athini ukuze izwi lakhe libe lincane nje kahle?”

“Kumele uphinde utshise igawula ubusuku bonke, uliginye ke ekuseni.”



Emveni koko wahamba UZim-Zim webuyela endaweni yakhe esehlathini. Waze wenza njalo ebonakala ezithembile.

Ngojwaca waya endaweni leyo eyozenza utata uSikwebu. Wafika wamemeza, “Yebo! Yebo! Mntanami. Ndihlangabeze.”

Kule gemu izwi lakhe lavesane lafana nelika Sikwebu.

Waphuthuma nayefika kanti asingoyise.



UYebo wabona kade ukuba wenze iphutha!

Wazama ukubaleka, lavele lamjara lamgola laphindela naye kwintsunguzi zamahlathi.



Kuthe kungemizuzwana mingaphi, waqhamka uSikwebu wamemeza.

“Yebo! Yebo! Mntanami. Ndihlangabeze.”

Kodwa okothusayo ukuthi zange abonakale uYebo. Umamakhe waphendula, “Ubusewumbizile phela umntakho.”

Bavele babona ukuthi kubi, umntabo uthathwe ngu Zim-zim.



Wathatha induku yakhe waqonda ngqo ehlathini.

Kungekudala, wambona nango uZim-zim elele eceleni komfula enesisu esikhulu, nesaka ecakwakhe.



Watsho ke wajikeleza ebhijela amajiko-jiko endlela ezama ukuthi ade afike ngakuye.

Wakusondela, nango embetha ngenduku.

Othuka uZim-zim wabaleka, kude.

USikwebu wakhulula isaka wakhupha umntake esaphila.



USikwebu wayegcobile waza wamgona umntakhe.

Kwaba mnandi kakhulu kuYebo ukubuye ahlangane noyise, iqhawe lakhe elimsindise kuZim-zim.

Babuyela ekhaya begcobile.